UMGAQONKQUBO WEELWIMI

Igama loxwebhu	UMgaqonkqubo weeLwimi
Ukusetyenziswa	UMlamli we-FAIS
Ukuze uvunywe	IKomiti yemiNgcipheko yeziMali
Umhla wokuvunywa we-EXCO	Februwari 2023
Iqulunqwe ngu	UMphathi weSigqibo seQela
Uza kuqwalaselwa kwakhona	Februwari 2025

QAPHELA:

Umntu osebenzisa amaxwebhu okanye idatha yoMlamli we-FAIS makaqaphele umngcipheko okhoyo:

a) Ukusasaza amaxwebhu okanye idatha ngaphandle kogunyaziso olufanelekileyo; kunye
b) Nokungasebenzisi amaxwebhu kunye nedatha njengoko kugunyazisiwe okanye kujolisiwe.

Umnini xwebhu

Igama	Isikhundla
John Simpson	UMlamli we-FAIS

Uxwebhu lucetyiswe ngu

Igama	Isikhundla
Marc Alves	UMphathi weSigqibo seQela

Ulawulo lwenguqulelo kunye nesishwankathelo zotshintsho

INani	INkcazo yoTshintsho
1.0	Uqulunqo lokuqala lomgaqonkqubo
1.2	- Iinkcukacha ezihlaziyiweyo zabasebenzi - Iinkcazelo nongqinisiso oluqukiweyo koku: UMkomishinala, i-EXCO, Utoliko, Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi, uMgaqonkqubo noGuqulo. -Umhlathi omtsha 4 - Kutshintshwe “iZiko lemiNxeba” ngoku “iZiko loKhathalelo lweeKlayenti”

Ithuba loqwalaselo kakhona elinyanzelekileyo

Uza kujongwa kabini ngonyaka

Iziqulatho

1. Imvelaphi…… 5

2. Injongo…… 5

3. Iinkcazelo…… 5

4. UHlobo loMsebenzi woMlamli we-FAIS…… 7

5. Umda…… 7

6. INgxelo yoMgaqonkqubo…… 7

7. Imithethosiseko…… 8

8. IiLwimi ezisemThethweni zoMlamli we-FAIS …… 8

9. UkuSekwa kweYunithi yoMsebenzi weeLwimi …… …. 11

10. UQeqesho nabaSebenzi…… 11

11. UPapasho nofikelelo kulo Mgaqonkqubo…… 11

12. INdlela yeziKhalazo…… 12

13. INkqubo yeziBheno…… 12

14. UMnini woMgaqonkqubo…… 12

15. UMxhasi woMgaqonkqubo…… 13

16. Uqhagamshelwano…… 13

17. Ukuvunywa…… 13

18. ULwazi oluNxulumeneyo…… 13

19. IiMpembelelo zeMali…… 13

20. Okungaqukwayo…… 13

21. Isicelo soTenxo kulo Mgaqonkqubo…… 13

22. Isilumkiso…… 14

1. Imvelaphi

UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika (Republic of South Africa) (RSA), 1996 uqonda iilwimi ezili-11 ezisemthethweni, isiNgesi, iAfrikansi, Tshivenḓa, Xitsonga, Sepedi, Setswana, Sesotho, isiZulu, isiXhosa, isiNdebele neSiswati; uqonda ukusetyenziswa kunye nesimo esiphelayo seelwimi zemveli kwaye ufuna ukuba uRhulumente athathe amanyathelo asebenzisekayo namahle okunyusa isimo kunye nokusiwa phambili kokusetyenziswa kweelwimi zemveli. UMgaqo-siseko ufuna ngokungaphaya ukuba zonke iilwimi ezisemthethweni zonwabele ukulingana kwaye ziphathwe ngokulinganayo.

Ukuza kuthi ga ngoku, umThetho weeLwimi uwiselwe ukukhuthaza ukusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni xa kunxityelelwana namalungiu oluntu, ubonelele ngolawulo nobeka iliso ekusetyenzisweni kweelwimi ezisemthethweni ngurhulumente wesizwe ngeenjongo zikarhulumente, ukufuna kunye nokwamkela umgaqonkqubo weelwimi lisebe lesizwe, iziko likarhulumente lesizwe kunye namashishini karhulumente esizwe kunye nokusekwa kweyunithi yeelwimi yesebe lesizwe, amaziko karhulumente esizwe kunye namashishini karhulumente esizwe.

Lo mThetho usebenza kuwo onke amaziko karhulumente esizwe. UMlamli we-FAIS liziko likarhulumente lesizwe, elixeliweyo kumThetho woLawulo lweMali kaRhulumente, 1999. UMgaqonkqubo uphuhliswe nguMlamli we-FAIS ngokuthobela amagatya omThetho.

2. Injongo

Injongo yalo Mgaqonkqubo kukuchaza indlela uMlamli we-FAIS aza kuwuthobela umThetho ngayo, kunye nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni ukuphucula iinkonzo eziya kumalungu oluntu ngokubanzi kunye namalungu alawulwayo.

3. Iinkcazelo

“UGunyaziwe oPhetheyo” uthetha uMkomishinala we-FSCA;

“INjongo yoMsebenzi” ithetha injongo yokusombulula izikhalazo ngokomThetho we-FAIS;

“UMkomishinala” uthetha uMkomishinala we-FSCA.

“Umfaki sikhalazo” uthetha nawuphi na umntu ofanelekileyo njengomfaki sikhalazo ngokwecandelo lama-26 (1) (a) (ii) lomThetho we-FAIS;

“UMgaqo-siseko” uthetha uMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996;

“U-EXCO” uthetha iKomiti yeSigqeba yoMlamli we-FAIS.

“UmThetho we-FAIS” uthetha umThetho wokuCebisa ngeMali neeNkonzo zoLamlo wama-37 ka-2002.

“UMlamli we-FAIS” uthetha iOfisi yoMlamli kubaBoneleli ngeeNkonzo zeMali.

“U-FSCA” u-Financial Sector Conduct Authority (uGunyaziwe oQhuba iCandelo lezemali), iziko elisemthethweni elisekwe ngokwecandelo lama- 56 lomThetho woLawulo lweCandelo leMali, ka-2017;

“INjongo kaRhulumente” kuthetha injongo yokunxibelelana namaziko karhulumente;

“Utoliko”, ngokunxulumene nokuthethwa ngomlomo, luthetha ukusa into ethethwayo kwinto ethethwa kolunye ulwimi kwaye, ngokunxulumene nento ethethwayo esayiniweyo, kuthetha ukususa kulwimi lwezandla usisa kulwimi oluthethwayo kunye nangokuphedululekileyo, "ngokutolika" kunentsingiselo engqinelanayo;

“UmThetho weeLwimi” uthetha umThetho wokuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni we-12 ka-2012;

“ULwimi oluKhethwayo” luthetha ulwimi olukhethwayo lolkugcinwa kweerekhodi okanye lokugcina okanye iirekhodi zoMlamli we-FAIS;

“IYunithi yeeLwimi” ithetha iyunithi yeelwimi esekwe ngokwecandelo lesi-7 lomThetho**;**

“Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi” kuthetha ukusetyenziswa kweelwimi ezintathu okanye ngaphezulu ngumntu eyedwa okanye liqela labantu;

“ULwimi olusemThethweni” luthetha ulwimi olusemthethweni oluxelwe kwiCandelo lesi-6(1) loMgaqo-siseko.

"UMgaqonkqubo" uthetha lo mgaqonkqubo weeLwimi.

"Uguqulo" luthetha ukususa umbhalo kolunye ulwimi uwusa kolunye ulwimi, "uguqula" enentsingiselo engqinelanayo;

4. UHlobo loMsebenzi woMlamli we-FAIS

IOfisi yoMlamli kubaBoneleli ngeeNkonzo zemali (uMlamli we-FAIS) yasekwa ngokomThetho wokuCebisa ngezeMali kunye neeNkonzo zoLamlo, wama-37 ka-2002 ('umThetho we-FAIS'). Iinjongo zoMlamli we-FAIS zezi

4.1 Ukuthathela ingqalelo kunye nokujongana ngezikhalazo ngokwenkqubo efanelekileyo, engekho sikweni, enoqoqosho, kunye nekhawulezayo, kunye nangongqinisiso olunobulungisa kuzo zonke iimeko.

4.2 Ukukhuthaza ukhuselo lwabasebenzisi kunye nokufaka isandla ekugqibeleleni kweshishini leenkonzo zemali ngokusombulula izikhalazo ngendlela engathathi cala, enoqoqosho, efikelelekayo, kwaye, maxa onke, enobulungisa.

4.3 Ukunika inkonzo efanelekileyo nenyanisekileyo ukuqinisekisa ukuba abaxhasi bezemali banofikelelo kwaye bayakwazi ukusebenzisa iinkqubo zeembambano ezifikelelekayo ezizezinye kwizikhalazo.

5. Umda

Lo mgaqonkqubo usebenza kubo bonke abasebenzi boMlamli we-FAIS kunye naye nababi na owenza umsebenzi egameni loMlamli we-FAIS

6. INgxelo yoMgaqonkqubo

Lo Mgaqonkqubo umiselwe licandelo lesi-4 lomThetho weeLwimi, nengokulandelayo:

6.1 Icandelo 4(1) libonelela ngokuba isebe ngalinye lesizwe, iziko likarhulumente lesizwe kunye neshishini likarhulumente lesizwe lamkele umgaqonkqubo weelwimi ngokusetyenziswa kweelimi ezisemthethweni.

6.2 Icandelo 4(2) libonelela ngokuba umgaqonkqubo owamkelwa ngokwecandelwana (1) kufuneka:

6.2.1 uchonge ubuncinane iilwimi ezisemthethweni ezintathu ezo isebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe liza kuzisebenzisela iinjongo zikarhulumente;

6.2.2 umisele ukuba ziza kusetyenziswa njani iilwimi ezisemthethweni kunxibelelwano loluntu olunempumelelo, izaziso ezisemthethweni, iincwadi zikarhulumente kunye nonxibelelwano oluphakathi kukarhulumente kunye noloorhumente;

6.2.3 uchaze ukuba isebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe liza kunxibelelana ngempumelelo namalungu oluntu olo ulwimi lwawo alukhethayo ingelulo olunye lolwimi lwalo alukhethayo olusemthethweni okanye olo ulwimi alukhethayo iluLwimi lweZandla loMzantsi Afrika;

6.2.4 uchaze ukuba amalungu oluntu aza kufikelela njani kumgaqonkqubo wolwimi.

6.2.5 ubonelele ngendlela yezikhalazo ukwenza ukuba amalungu oluntu afake izikhalazo ngokuphathelene nokusetyenziswa kweelwimi ezisethethweni lisebe lesizwe, iziko lesizwe likarhulumente okanye ishishini likarhulumente lesizwe;

6.2.6 upapashwe kwiGazethi msinyane nje ukuba kube nokwenzeka kodwa kwiintsuku zokwamkelwa kwawo.

7. IMITHETHOSISEKO

7.1 Imithethosiseko exhasa lo Mgaqonkqubo yile:

7.1.2 Ukuthatha amanyathelo okonyusa isimo kunye nokuya phambili kokusetyenziswa kweelwimi zemveli.

7.1.3 Ukuzibophelela ekuphakamiseni zonke iilwimi ezisemthethweni kwiRiphabliki ukuze kuqinisekiswe ulingano kunye nokuphathwa ngokulinganayo kweelwimi ezisemthethweni ezifunekayo kwinkqubo yethu yedemokrasi;

7.1.4 Ukuqondwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengomthombo wokwandisa intsebenziswano yokuhlangana eyandisiweyo ekwakhiweni kwesizwe, uphuhliso lwezoqoqosho nokunamathelana ekuhlaleni;

7.1.5 Ukukhuthazwa kolawulo olululo lolwimi nguMlamli we-FAIS ukuqinisekisa ulawulo lwenkonzo karhulumente olwaneleyo oluhlangabezana neemfuneko zoluntu kwaye oluqinisekisa ufikelelo olulinganayo kwiinkonzo nolwazi loMlamli we-FAIS;

7.1.6 Uthintelo lokusetyenziswa ko(ii)lwimi ngeenjongo zokusebenzisa kakubi, ukongamela kunye nokucalula kuMlamli we-FAIS.

8. IILWIMI EZISEMTHETHWENI ZOMLAMLI WE-FAIS

8.1 Uukwamkelwa lweelwimi ezisemthethweni nguMlamli we-FAIS

8.1.1 UmThetho ufuna ukuba uMlamli we-FAIS amkele umgaqonkqubo weelwimi ochonga ubuncinane ezi-3 (ezintathu) zeeLwimi ezisemThethweni ezo uMlamli we-FAIS aza kuzisebenzisela "iinjongo zikarhulumente". Oku kubhekisele kwiilwimi ezo zisetyenziswa kakhulu ukunxibelelana namalungu oluntu;

8.1.2 Ekuchongeni iilwimi ezisemthethweni, uMlamli we-FAIS phakathi kwezinye izinto uyalelwe ukuba athathele ingqalelo ukukhuthazwa kwezo lwimi zemveli bezingasiwa so ngaphambili;

8.1.3 Ekumiseleni ukuba zeziphi iilwimi emazisetyenziswe, uMlamli we-FAIS uza kukhokelwa kwimeko nganye yimiba elandelayo:

8.1.3.1 Ukuba nokwenzeka.

8.1.3.2 Iindleko ezinxulumeyo.

8.1.3.3 Indawo yejografi.

8.1.3.4 Okusemdleni woluntu kunye/okanye iqela elithile ekujoliswe kulo; kunye

8.1.3.5 Namandla oMlamli we-FAIS.

8.1.4 Nangona uMlamli we-FAIS eziqonda zonke iilwimi zeRiphabliki, ziye zamkelwa iilwimi ezilandelayo:

8.1.4.1 **IsiNgesi** (Ulwimi lonxibelelwano).

8.1.4.2 Kwiqela leelwimi zesiNguni (isiZulu, isiNdebele, Siswati nesiXhosa), **isiZulu** siye sakhethwa;

8.1.4.3 Kwiqele leelwimi zesiSotho (Setswana, Sepedi, neSesotho), **iSetswana** siye sakhethwa;

8.1.4.4 **ITshivenḓa;** olunye lweelwimi ebezihlelelekile ngaphambili esingaweli kulo naliphi iqela leelwimi, siye sakhethwa; kwaye

8.1.4.5 **IAfrikansi,** olunye lweelwimi olungaweli kulo naliphi iqela leelwimi, nayo iye yakhethwa.

8.1.5 UMlamli we-FAIS uza kuqinisekisa ukuba usebenzisa iilwimi ezikhonjiswe ku-8.1.4 ngeencwadi zomthetho.

8.2 UkuSetyenziswa kweeLwimi ezisemThethweni nguMlamli we-FAIS:

8.2.1 Inkcazo yokuba zeziphi iilwimi eziza kusetyenziselwa iinjongo zokusebenza ngokunjalo nonxibelelwano namalungu oluntu, kunye nendlela iilwimi ezinjalo eziza kusetyenziswa ngayo, ibekwe apha ngezantsi.

8.2.2 IiNjongo zokuSebenza

UMlamli we-FAIS ukhetha isiNgesi njengolwimi olungundoqo lonxibelelwano kunye nolwimi lweerekhodi ngeenjongo zokusebenza –

8.2.2.1 ukunxibelelana namahlakani akhe ohlukeneyo ngokungqinelana namagunya akhe lunye nezigqibo ezithathiweyo;

8.2.2.2 ngokunxulumene nonxibelelwano lwangaphakathi kuMlamli we-FAIS; kunye

8.2.2.3 nagokunxulumene nonxibelelwano layo namasebe kunye / okanye iPalamente oko kusenziwa ngoMphathiswa onoxanduva.

8.2.3 Kwimeko leyo amaxwebhu kufuneka aveliswe ngesiNgesi kuphela acelwa ngalo naluphi ulwimi olusemthethweni ngaphandle kwesiNgesi, uMlamli we-FAIS uza kwenza iinguqulelo ezishwankathelweyo ezifumanekayo, ngokuxhomekeke kwimiqathango exelwe ku-8.1.3 ngasentla.

8.2.4 Iinjongo zikarhulumente

UMlamli we-FAIS uza kusebenzisa isiNgesi kunye neelwimi ezisemthethweni ezixelwe ku-8.1.4 ngasentla ngokusekelwe kwimeko nemeko ngeenjongo ezilandelayo:

8.2.4.1 Unxibelelwano namalungu oluntu, ngomlomo kunye nangokubhaliweyo - njengoku, phakathi kwezinye izinto, izaziso kunye

nezibhengezo, imiqondiso yolwazi loluntu, imiqondiso exela izibonelelo neenkonzo (iinguqulelo ezishwankathelweyo kwiimeko yamaxwebhu anzima);

8.2.4.2 Unxibelelwano nabacholi beendaba (umzkl. olushicilelweyo, iradiyo, umabonakude, iwebhu) - ngokuxhomekeke kwinjongo neqonga.

8.2.4.3 Iincwadi nembalelwano esemthethweni.

8.2.4.4 Eminye imisebenzi yokubandakanyeka kwamahlakani; kunye

8.2.4.5 Ukudibana kunye nezinye iinkqubo ezisemthethweni.

8.2.5 Ukwaziswa kwabasebenzisi

UMlamli we-FAIS uza kuthatha amanyathelo afanelekileyo okuqinisekisa ukuba iqhuba iiseshoni zokwaziswa kwabasebenzisi ngeelwimi ezisemthethweni ezininzi kangangoko kunokwenzeka kuthathelwa ingqalelo ulwimi olukhethwa lolo luntu luza kwiiseshoni ezinjalo, ngokunjalo neempembelelo zeendleko ngaphaya koko.

8.2.6 IZiko loKhathalelo lweeKlayenti

IZiko loKhathelelo lweeklayenti loMlamli we-FAIS liza kuzamela ukunxibelelana namalungu oluntu ngeelwimi ezininzi zeRiphabliki kangangoko kunokwenzeka, ngokuxhomekke kubasebezni abakwiOfisi yoMlamli we-FAIS, njengoko kuxeliwe ku-8.1.3 ngasentla.

8.3 Ulungiselelo lweenkonzo ngolwimi olungaphandle kwezo Lwimi zisemThethweni zikhethiweyo nguMlamli we-FAIS:

8.3.1 Apho ilungu loluntu linqwenela ukufumana iinkonzo ngolwimi olusemthethweni olungaphandle kweelwimi ezisetyenzisiweyo (umzkl. incwadi), ilungu elinjalo liya kwazisa uMlamli we-FAIS ngesicelo esinjalo, ngokubhaliweyo. UMlamli we-FAIS uya kwenza ulungiselelo lokuhlangabezana nesicelo esinjalo kwithuba elifanelekileyo elingekho ngaphantsi kweentsuku ezingamashumi amathathu (30) zokusebenza ekufumaneni kwakhe isicelo.

8.3.2 Kwiimeko zonxibelelwano lomlomo, njengeentlanganiso kunye nayo nayiphi na imfuno yotoliko, isicelo kufuneka senziwe ngokubhaliweyo kwaye ubuncinane kwiintsuku ezingamashumi amathathu (30) zokusebenza phambi kweso sehlo.

8.3.3 Nangona sekutshiwo ngaphambili, imiba edweliswe ku-8.1.3 kufuneka ithathelwe ingqalelo ekumiseleni ukuba loluphi ulwimi olusemthethweni omalusetyenziswe.

9. UKUSEKWA KWEYUNITHI YOMSEBENZI WEELWIMI

9.1 UMlamli we-FAIS ufumene unyenyiselo oluyimfuneko ekusekeni iYunithi yeelwimi njengoko kufunwa ngumThetho.

9.2 Nakuba uMlamli we-FAIS engeke aseke iYunithi yeelwimi, imisebenzi enjalo iza kwabelwa uMsebenzi oPhezulu njengoko enokuchongwa nguMlamli.

10. UQEQESHO NABASEBENZI

Ukuphumeza ukuphunyezwa ngobugcisa nangempumelelo kwalo Mgaqonkqubo, umntu onoxanduva uza kucebisa ngoqeqesho kunye nophuhlis lwezakhono.

11. UPAPASHO KUNYE NOFIKELELO KULO MGAQONKQUBO

11.1 Lo Mgaqonkqubo uza kupapashwa ngeelwimi ezixelwe ku-8.1.4 ngasentla.

11.2 Uza kufumaneka kwiwebhusayithi yoMlamli we-FAIS (www.faisombud.co.za)

11.3 Isishwankathelo salo mgaqonkqubo siza kuboniswa kwiofisi ye-FAIS ngendlela kunye nakwindawo enjalo onokufundwa kuyo luluntu.

11.4 Ukongeza, iinguqulelo ezishicilelweyo ziza kufumaneka ngeelwimi ezixelwe ku-8.1.4 ngasentla, kwizakhiwo zoMlamli we-FAIS.

12. INDLELA YEZIKHALAZO

Nawuphina umntu ongonelisekanga sisigqibo soMlamli we-FAIS ngokuphathelene nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni unokufaka isikhalazo ngokubhaliweyo esiya kuMlamli.

12.1 Isikhalazo kufuneka sifakwe:

12.1.1 ngokubhaliweyo,

12.1.2 kwiinyanga ezintathu zokuvela kwesikhalazo

12.1.3 sixele igama, idilesi, kunye nolwazi loqhagamshelwano lomntu ofaka isikhalazo.

12.1.4 sinika inkcazo epheleleyo necazululiweyo yesikhalazo.

12.2 UMlamli okanye ilungu eliphezulu labasebenzi elonyulwe nguMlamli unokucela umfaki sikhalazo ukuba anike naluphi ulwazi olongezelelweyo oluyimfuneko ukuthathela ingqalelo isikhalazo kunye nokuya entlanganisweni ngeenjongo zokwenza uphando lomlomo kwisikhalazo eso.

12.3 UMlamli, njengaku-12-1, uya kusithathela ingqalelo isikhalazo kwaye enze isigqibo, zingedlulanga iinyanga ezintathu (3) ezisemva kokufakwa kwesikhalazo, kwaye azise umntu ofake isikhalazo ngesigqibo.

13. INKQUBO YEZIBHENO

13.1 Umntu ofake isikhalazo ongonelisekanga ngesigqibo somntu njengoko kuxeliwe kwigatya 12.2 lalo Mgaqonkqubo unokufaka isibheno kuGunyaziwe onoXanduva, onguMkomishinala we-FSCA.

13.2 Isibheno esingeniswe kuGunyaziwe onoXanduva kufuneka sisiwe kuMkomishinala kwaye sifakwe kwithuba lenyanga enye (1) yesigqibo somntu oxelwe kwigatya le-12.2 lalo mgaqonkqubo.

13.3 Amagatya eziendu ze-12.1.1, 12.1.2, 12.1.3 nese-12.1.4 zalo Mgaqonkqubo ziza *kusebenzisa utshintsho oluyimfuneko* kwisibheno esingeniswe ngokwesiqendu se-12 salo Mgaqonkqubo.

14. UMxhasi

UMxhasi nguMlamli.

15. UMnini

UMnini nguMphathi weSigqibo seQela

16. Uqhagamshelwano

I-imeyile: marc@faisombud.co.za faisombud.co.za

Umnxeba: 012 762 5000

17. Ukuvunywa

Lo Mgaqonkqubo uza kujongwa kwakhona kabini ngonyaka kwaye uza kuvunywa yi-EXCO.

18. ULwazi oluNxulumeneyo

UMgaqonkqubo kufuneka ufundwe kunye nezikhokelo ezixhasayo ezilandelayo:

AmaXwebhu angaPhandle:

UXwebhu leSivumelwano ekuFikelelwe kuso phakathi kwe-FSCA noMlamli we-FAIS.

IiMfuneko zoLawulo:

UMlamli we-FAIS uyakuqonda ukubaluleka kokuthobela zonke iimfuneko zolawulo ezibandakanyekayo njengoko zibonisiwe kwiMiba yoLawulo yoMlamli we-FAIS.

Ungqinisiso olukhethekileyo lwenziwa koku:

- UMgaqo-siseko.
- UmThetho weeLwimi.
- Imimiselo yenziwe ngokwecandelo le-13 lomThetho.

19. IiMpembelelo zeMali

Akukho zimpembelelo zemali zingqalileyo ngokuphumeza lo Mgaqonkqubo, kodwa zinokuba khona iimpembelelo zemali ezinxulumene noshicilelo kunye nokuguqulelwa komgaqonkqubo kuzo zonke iilwmi ezisemthethweni.

20. Okungaqukwayo

Akuko okungaqukwayo kulo Mgaqonkqubo.

21. Isicelo soTenxo kulo Mgaqonkqubo

Kwiimeko ezo imathiriyeli kunye neemeko ezinyanzelisayo zisenza ukuba lube khona utenxo kwi(ama)gatya eli(a)thile lo(o)mgaqonkqubo, izingeniso ezibhaliweyo ziya kuthunyelwa

kuMlamli oya kuba negunya elipheleleyo ukunika isicelo esinjalo, ngokupheleleyo okanye inxenye, okanye ale.

22. Isilumkiso

Ukungathobeli naziphi na iimfuneko zolawulo ezisebenzayo ngokwenza okanye ukungenzi ngabom okanye ukungahoyi, kuquka nabaphi na abasebenzi, mhlawumbi ngokuvakalisiweyo okanye okucingelwayo, ukuba bangathobeli iimfuneko zolawulo ezisebenzayo, kuya kuthathwa njengokumandundu kwaye kusetyenzwe ngako ngokwecandelo lama-51 (1) (e) (i) le-PFMA kunye nenkqubo neenkqubo yoMlamli we-FAIS. Oku akuthinteli naliphi na inyathelo elinokubonelelwa ngumthetho okanye nayiphi imfuneko yolawulo esebenzayo ekubeni ithathwe ngokubhekisele kumo(bo)ni.

Nakuphi na ukungathobeli okunxulumene nalo Mgaqonkqubo kunye neNkqubosikhokelo yoMgaqonkqubo kuza kubonwa kananjalo njengokungamandla kwaye kunokukhokelela kwinyathelo lokululeko ngokweenkqubo zokululeko ezisebenzayo.

UkuVunywa koXwebhu

Igama	**Isikhundla**	**Usayino**	**Umhla**
John Simpson	UMlamli we-FAIS		